Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

APRELI 2015

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

INKQUBO YOQHAWULO-MBANE

IZICWANGCISO ZEXESHA LIKAXAKEKA EZENZELWE IINKONZO EZIPHAMBILI ZIPHUNYEZIWE

Njengoko sisazi ngemeko ezinzima aphantsi kwazo uEskom, uMasipala waseOverstrand uqinisekisile ukuba wenza isicwangciso sexesha likaxakeka ukujongana nemeko zokuqhawuka kombane kwaye uchonge iqela labantu eliya kujongana noqhawulo-mbane, linike ingxelo kuMlawuli woMasipala ngqo, libek'esweni iimeko ngawo onke amaxesha.

Kwiminyaka embalwa edlulileyo, kwixesha apho kwakucacile ukuba eli ziko likhulu lophehlo-mbane lingaba nengxaki, umasipala wakhawuleza wafakela ijenereyitha kundlunkulu yakhe, nazo zonke ii-ofisi zolawulo zomasipala eziseGansbaai, eStanford naseKleinmond kwakunye negumbi lolawulo elisebenza ixesha elingama-24/7 ukuqinisekisa ukuba akukho nkonzo ichaphazelekayo kunikezelo lweenkonzo kuluntu. Ngokwakaloku nje, nangona iSebe loThutho laseHermanus lingenayo ijenereyitha, oko kuthetha ukuba iinkqubo zabo ezisebenza ngobuchwepheshe bale mihla, ezi nkqubo azinakho ukusebenza ngexesha loqhawulo-mbane. Kukho ithemba lokuba oku kungasombululeka kunyaka-mali olandelayo.

Ngenxa yale meko imane isehla, umasipala uthe wenza uhlolo olugqibeleleyo ngemeko kaEskom yokumana eqhawula umbane nenokuthi ichaphazele iinkonzo zamanzi nezofakelo lweenkonzo yococo lwamanzi neyokuphehlwa kwawo amanzi ekwaxhomekeke kumandla ombane akwaEskom.

Ukuthathelwa ingqalelo yokuba ukumka kwenkonzo yombane kungaba negalelo elibi eluntwini nakokusingqongileyo. Kuye kwabonakala ukuba inkonzo yogutyulo lwelindle yeyona esemngciphekweni ngaphezulu kwezinye. Nangona inani lezi zitishi zinazo izicwangciso zeejenereyitha ezinziweyo ngoku zakusetyenziswa ukulungiselela ukuhambisa ezi jenereyitha ezikwaziyo ukuhambiseka ziye kwezinye iindawo namatanki elindle nanganciphisa ifuthe lokuqhawuka kombane ngexesha apho iimeko zingalawulekiyo.

Ukongeza kula malungiselelo okugcinwa kwamafutha kwiidepho nokuqinisekisa ukuba ezi jenereyitha zinamafutha awaneleyo naqwalaselwa njalo kwaye kongezwe nezinye izicwangciso ezingenelelayo ukwenza lo msebenzi ube ngolula nobekwe esweni kuquka oku:

- Ukuqinisekisa ukuba bonke oovimba bakwiqondo eliphezulu ngawo onke amaxesha oko kuxhomekeke kwiimfuno zamanzi nokugqabhuka kwemibhobho;
- Ukuqinisekisa ukuba umgangatho wezitishi zogutyulo lwelindle noqhotyoshelwe kwiinkqubo zemilinganiselo ukwenzela ukuba kukwazeke ukukhutshwa ngexesha kwamatanki okanye iijenereyitha ukunqanda ukuphuphumala kwamatanki;
- Kunye nokuqinisekisa ukuba icandelo leenkonzo zokusingqongileyo kwasekhaya kunye neSebe laManzi noGutyulo bathatha inxaxheba xa kukho imfuno yonikezelo lweenkonzo zabo xa kukho imeko yococo okanye ukuphuphumala kwemibhobho yelindle.

UKUNGABIKHO KOMBANE AKUTHETHI UKUBA HAMBA NJE EZINDLELENI!!

Abaqhubi bezithuthi bayaqinisekiswa ukuba ukucima kombane kuya kuchaphazela ukusebenza kweerobhothi ezindleleni.

Ngexesha apho iirobhothi zingasebenzi ezindleleni zonke iindlela kufanele zithathwe njengezo kulindanwa kuzo, kuhamba lowo ufike kuqala.

Ngexesha lokuphangela okanye lokubuya kwabaphangeli, amagosa endlela aya kusebenza kwezo ziphambuka zikhulu abeke neempawu ezimisa izithuthi okwexeshana ukwenza abaqhubi baqaphele. Nangona kunjalo siyacela kubaqhubi ukuba baqaphele ingakumbi ebusuku.

Kuba uninzi lwethu lusazi iindawo ezinerobhothi kwindawo esihlala kuzo nokuqinisekileyo ukucima kwazo akuthethi ukuba singaqapheli. Ngoko ke ngenxa yoko kufanele sicingele ukhuseleko lwaye nabani na osebenzisa iindlela zethu - ngakumbi abahambi ngeenyawo - ungaweli iirobhothi ungamisanga kuba zingasebenzi!

UKUSEBENZA KWIPROJEKTHI YAMANZI KA-ABET KUBE NEZIPHUMO EZIHLE

Abasemfanekisweni ngaba balamdelayo: ukusuka ekhohlo, uSodolophu onguCebakhulu uNicolette Botha-Guthrie; uLiezl Bezuidenhout, onguManejala kwiiNkonzo zokusiNgqomgileyo; uTracy Sampson, uManejala weProjekthi i-Working for Water, uCoenie Groenewald, onguManejala kaMasipala; noStephen Muller, onguMlawuli kwiZiseko ezinguNdoqo noCwangciso.

Ngo-April 2013, iprojekthi kaMasipala waseOverstrand i-Working for Water (i-WfW) yanikwa uxanduva lokuba iphumeze iprojekthi ye-ABET (iMfundo noQeqesho lwabantu abadala) ejolise ekuhloleni nasekuphuculeni umgangatho wokufunda nokubala wabo baxhamlayo nabo bakwikontraki yeprojekthi yeWfW. Inkxasomali yale projekthi iphuma kwiSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo.

Abo baxhamli baseOverstrand abathe babhala iimviwo baphumelele bonke.

Ngokuzinikezela kwayo ekuqhubeni ngokuphuhlisa abaxhamli, ukubeka kumgangatho ophezulu ukuzimisela nokusebenzisana kunye nabaniki benkonzo nokuzinikezela ekuqinisekiseni ukuba izifundo ze-ABET ziyimpumelelo ngeli xa kuqinisekiswa ukuba iprojekthi ye-WfW ihlala isebenza ngokugqibeleleyo. Oko kwenze ukuba uMasipala waseOverstrand awongwe ngeMbasa iChristine Fortuin Memorial yoYena mXhamli-nkonzo woNyaka.

Singathanda ukwazisa ngokusesikweni umzamo owenziwa ngabo banekontraki nabaxhamli ekwenzeni le projekthi ka-ABET ibe yenempumelelo engaka phantsi kweemeko ezinamagingxi-gingxi kwaye ukwazisa ngeyona mpumelelo eqaqambileyo leyo yokuphumelela kwabo bonke abaxhamli. Uninzi lwabo beluqala ngqa ukufunda, ukubhala nokwenza izibalo ezilula kubomi babo bonke, oyena mfundi mdala ubekufuphi kwiminyaka engama-60 ubudala.

AMATHALA EENCWADI ASE-OVERSTRAND AWONGIWE

Apha nguSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, uManejala kaMasipala uCoenie Groenewald noManejala oyiNtloko kwiNgingqi yaseHermanus noDon Kearney bayinxalenye yokonwatyiswa kuka- Alette noBelinda.

Ukubhiyozela iKapa eliqhakazileyo, iSebe lephondo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo libambe umsitho walo weembasa zonyaka ukuvuyisana nabo badlala indima ephambili kumacandelo obugcisa, inkcubeko, iilwimi, ilifa lemveli, ii-myuziyam, amaziko okulondoloza amarekhodi neenkcukacha ezibalulekileyo zakudala, ukuthiywa nokulungelelaniswa kwamagama eendawo namathala eencwadi.

Kulo msitho obukumgangatho ophezulu, obubanjwe ngoMvulo, umhla we-9 Febhruwari 2015 eBaxter Theatre, iThala leeNcwadi laseHermanus eseOverstrand liye laphuma phambili ngokuba lelona Thala leeNcwadi eliNgcono neliKhulu, ngeli xa lona iThala leeNcwadi laseHawston liphumelele ukuba lelona Thala leeNcwadi loLuntu eliPhuma phambili kwiiNkonzo zoLutsha.

Kumathala eencwadi asibhozo aseOverstrand iThala leeNcwadi laseHermanus lelona "liliziko lenkcubeko" elithandwayo nelithandekayo ngokuba lidlala indima ephambili nebonakalayo ekwakheni uluntu. IThala leeNcwadi laseHawston lona lihamba phambili ngokubonelela ngeemfuno zolutsha ingakumbi abo baneemfuno ezizodwa- leyo nto yenze ukuba mabazuze kwiiMbasa zoMphathiswa weNtshona Koloni kwiMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Siyazingca kakhulu ngegalelo elenziwa ngamathala ethu eencwadi kwaye sithanda ukubulela ku-Alette Kotze waseHermanus noBelinda May waseHawston ngokuzinikela kwabo okungazenzisiyo.

IINTLAWULO ZAMATYALA KAMASIPALA

ONKE AMANYATHELO ONOKUWATHATHA UKWENZA IZINGXENGXEZO ZEENTLAWULO ZEZIGWEBO ZIKAMASIPALA

Abo bangabophuli-mithetho kamasipala nabangahlawuli izigwebo zamatikiti ezendlela abangathanda ukufaka izingxengxezo zamatyala abo kamasipala ukuze acinywe okanye ancitshiswe kufanele baqaphele oku kulandelayo:

Phambi kwentlawulo kunye/okanye umhla wokuvela enkundleni yamatyala:

- Ie ukuba sibhalwe. Okufanele ukuba ukwenze kukuba ugcwalise nje ifomu elula efumaneka kwisebe lakho lothutho, kwinkundla esisongezelelo okanye kwiwebhusayithi ethi: www.overstrand.gov.za uze uqhoboshele ikopi yentlawulo ekufanele uyenzile nalo naluphi na uxwebhu oluxhasayo.
- Kwimiba esele igabadele, faka ngqo oku kucaciswe ngentla apha kwisebe lezothutho elichaphazelekayo nelakuthi lifake zonke iinkcukacha kwiinkqubo zabo baze bathumele izingxengxezo kwiGosa lezoThutho okanye elezoGcino-mthetho ebelikhuphe isigwebo nelakuthi liqwalasele iziganeko ezibangele ukuba linike isigwebo sentlawulo.
- Emva kokuba bonke ubungqina obufunwa ngentla apha buhlanganisiwe, lo mba uza kugqithiselwa kwiGosa loThutho eliyiNtloko okanye abo bathunywe nguye ukuba bawuqwalasele. Abo baya kwenza iziphakamiso zokuba lo mba ugwetywe kanjani mhlawumbi intlawulo ithotywe okanye ichithwe.
- Esi siphakamiso sithunyelwa kuMtshutshisi kaMasipala ukuba athathe isigqibo esisesokugqibela. Kwesi sihlandlo, qaphela ukuba isigqibo soMtshutshisi asixhomekekanga kwiziphakamiso ezenziweyo.
- Emva kokuba uMtshutshisi esenzile isigqibo, onke amaxwebhu neenkcukacha ngeziphumo zalo mba ziyaku phindiselwa kwisebe lothutho ekufanele ziye kulo nalo eliya kuthi lazise lowo wophule umthetho ngeziphumo zesingxengxezo ezenziweyo.
- Ukuba lowo waphule umthetho akoneliseki sisigqibo esithatyathwe nguMtshutshisi kaMasipala, amanyathelo alandelayo ngalawo okujongwa kosuku aya kuthi avele ngalo enkundleni yamatyala lowo wonileyo.

Ngosuku lokuvela enkundleni:

- Njengoko kuchaziwe ngentla apha, nayiphi na ingxelo yokuthoba okanye ukuphelisa ityala iya kumanyelwa kuphela xa oko kubhalwe phantsi. Ngenxa yoku kukho ifomu egcwaliswayo (jonga iinkcukacha ngentla apha) efanele ichaze izizathu zokuba uncitshiselwe okanye urhoxiselwe ityala. Le kopi mayihambe nekopi yoko ugwetyelwe kona, uxwebhu lolawulo (uxwebhu olwakuthi lusetyenziswe enkundleni) nalo naluphi na uxwebhu olusekela le meko.
- Akuba onke la maxwebhu egqithiselwe kuNobhala weNkundla, uya kuwagqithisela kwangoko kumtshutshisi ukuba awaqwalasele naye uya kwenza izigqibo kwakamsinya. Ukuba lowo unetyala akoneliseki zizigqibo kwaye akafuni ukwenza intlawulo, unelungelo lokuvela kwinkundla yamatyala avakalise ukunganeliseki kwakhe phambi kwenkundla yamatyala.
- Elo tyala lentlawulo ulinikiweyo lingahlawulwa ngalo mhla uvela ngawo kwinkundla yamatyala, abasebenzi apho enkundleni baya kuqinisekisa kangangoko ukuba la matyala ayaqwalaselwa ngokukhawuleza. Kwiimeko apho intlawulo yehlisiwe kwaye nomophuli-mthetho engekakwazi ukuhlawula ityala uya kucelwa ukuba avele phambi kwenkundla esisongezelelo ukucela ukuba inkundla iyimisele elinye ixesha intlawulo yakhe.

Ngemibuzo ethe vetshe ngokuhlawula iintlawulo zesithuthi sakho ungaqhagamshelana noLesbury Smith, Lisl Carolissen okanye uCarol Gardiner kulo mnxeba 028 313 8174. Imiba ngokusebenza kweNkundla esoSongezelelo ungayifumana ngokuqhagamshelana noZaza Hlazo kule nombolo 028 313 8041.

IZILUNGISO KWIINOMBOLO ZEZINDLU

Nceda qaphela ukuba iinombolo zezitrato zaseOverstrand zenziwe ngokutsha kwaye olo tshintsho lungakuchaphazela. Olu lwazi luyavela kwi-akhawunti yakho kamasipala. Ngemibuzo ethe vetshe ungaqhagamshelana noLee-Ann Rauch kule nombolo 028 313 8910 okanye kule imeyile lrauch@overstrand.gov.za.

UMLAWULI OYINTLOKO KWEZEMILILO UYABULELA

Lester Smith

Phakathi koLwesihlanu wama-27 Febhruwari neCawe umhla we-8 kuMatshi, iCandelo loMlilo noHlangulo laseOverstrand lasabela ubizo lokuhlangula kwiimeko ezingama-29 zemililo yequbula eHawston, eBetty's Bay naseGansbaai.

UMlawuli oyiNtloko kwezeMililo uLester Smith uthanda ukubulela ngokungazenzisiyo kuluntu ngokubanzi, oosomashishini, imibutho, amanye amasebe karhulumente aseOverstrand kunye noomasipala abajikeleze indawo le ngokuthi bancedise kwezi meko.

Ngokuqwalasela iimeko zezulu ezivumela imililo yequbula, uxelele abantu ukuba kufanele balumke kakhulu xa bebasa imililo okanye kwimililo yamadlelo.

Sithetha ngazwi linye noLester ukubulela iqela lakhe ngenxaxheba eliyidlalileyo ngexesha likaxakeka, kwaye sithumela uvelwano olunzulu kwiintsapho zamaxhoba asephondweni awe ngelixa esemsebenzini wokucima imililo.

IINTLANGANISO EZIKHAWULEZILEYO ZEE-WADI ZOLUNTU EZIMALUNGA NOYILO LOLWABIWO-MALI LONYAKA-MALI WAMA-2015/16

Iintlanganiso zoluntu ziza kubanjelwa kwezi ndawo zilandelayo ngale mihla namaxesha abhalwe ngezantsi apha:

Umhla	Ixesha	Iholo	Indawo	Inombolo yeWadi
7 Epreli 2015	18:00	Indawo yeendibano zeBhunga	EKleinmond	9
8 Epreli 2015	18:00	Iholo laseSandbaai	ESandbaai	7
9 Epreli 2015	18:00	Iholo iDe Wet	E-Onrus	13
13 Epreli 2015	18:00	Indawo yeendibano zeBhunga	EGansbaai	1 & 2
14 Epreli 2015	17:30	Iodithoriyam	EHermanus	3
15 Epreli 2015	18:00	Iholo iMoffat	EMt Pleasant	4
20 Epreli 2015	18:00	Iholo iCrassula	EBetty's Bay	10
21 Epreli 2015	16:00	I-Angling Clubhouse	EPearly Beach	11
	18:00	Indawo yeendibano zeBhunga	EStanford	11
22 Epreli 2015	18:00	KwiSikolo samaBanga aPhantsi saseZwelihle	EZwelihle	5,6,12
23 Epreli 2015	19:00	Iziko iThusong	EHawston	8

Qhagamshelana noNksz Rita le Roux kulo mnxeba 028 313 8074

AMANXWEME IGROTTO NEVOËLKLIP ABALELWA KULAWO ANGAMA-26 APHAMBILI E-AFRIKA!

I-Trip Advisor, isalathisi-zindawo sabatyeleli esifumaneka kubuxhaka-xhaka bekhompuyutha apho abatyeleli bathi bavotele awona manxweme abawathandayo bekwenza oko ngokubhekiselele kwiindlela abaziva ngayo xa bekula manxweme, apho ufumana iGrotto ibekwe kwindawo ye-13 yona iVloelklip ikwindawo yama-22 kumanxweme aphambili nawona atyelelwayo kwilizwekazi le-Afrika. Ngokweenkcukacha-manani eziboniswa ngulo vimba wolwazi wobuchwepheshe nezithi zisasazwe ngokweenkcukacha ezifumaneka kubakhenkethi abakwihlabathi jikelele, nangenxa yokuba uMzantsi Afrika ukhuphisana neendawo zotyelelo ezikumgangatho ophezulu ezifana neSeychelles neMorocco, nawo ubekwe kwinqanaba eliPhezulu lama-25 loo nto yodwa asinto ilula. Siwaqhwabela izandla la manxweme!

I-OAK YAMKELA I-AUSTRIAN TRIO

Emva kwemini yangeCawe umhla wama-26 Epreli i-OAK iya kuba isingathe umsitho **we-TRIO FRIZZANTE** ephuma e-Austria. **UMarlies Gaugl** (odlala ifluthi), **uKatarzyna Bieniasz-Morrison** (okwi-cello) **noDoris Lindner** (odlala ipiyano) bakube bebamise ngeenyawo ababukeli babo ngezi ngoma zilandelayo; I-Trio No 30 in F-Major (Haydn); I-Trio for flute, cello and piano (Martinü); I-Three Moments (Lang); I-Trio for flute, cello and piano, I-Op. 86 (Kapustin) ne-Trio in G-minor, i-Op 63 (Weber).

Ikonsathi iqala ngeye-15:30 eCivic Auditorium. Ungabhukisha itikiti lakho eBELLINI GALLERY kulo mnxeba 028 312 4988. Ngemibuzo ethe vetshe, tsalela unobhala uRené du Plooy kule selula 082 940 4238.